

**N**genxa yohlolo novavanyo oluphantsi ekuhanjiseni kwezibonelelo zeFISP, lenkqubo seyisetyenziswa **ukunyoba ngezopolitiko**.

- ▶ Kwizithili ezithile **eZambia** nase **Malawi**, amakhaya ahambisana nombutho ophetheyo anamathuba amakhulu okufumana izibonelelo zeFISP.
- ▶ **EZimbabwe** iFISP incede ukugcina umbutho ophetheyo uhlale esitulweni sombuso.
- ▶ **EGhana** nase **Tanzania** abalimi abangabonisi ukuxhasa umbutho olawulayo bayanqandelwa ekufumaneni izibonelelo ezipheleleyo ze FISP.

\* Iqumrhu yimbumba yeenkampani ezithatha isigqibo sokuthengisa izichumisi ngamaxabiso afanayo ukuze enze ingeniso ngokufanayo angakhuphisani.

Ukugcwalisa kulomba, **iqumrhu\*** labavelisi bezichumisi bafunyenwe besebenza kumazwe amaninzi aseMazantsi Afrika.

- ▶ EZambia eliqumrhu libonwe phakathi kwe Omnia ne Nyiombo Investments.
- ▶ EMzantsi Afrika, iOmnia ne Kynoch zifumaniswe zinetyala lokubonisa impawu zokusebenza beliqumrhu.

# IFISP nokunyoba abazopolitiko

